



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2013**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P3  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 100**

---

Le memorandam inamaphepha ali – 10.

---

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390 kwisincoko ngasinye.

Kwisincoko ngasinye umfundi makabonise isakhiwo esifanelekileyo, umongo, uyilo, isimbo nolwimi olufanelekileyo.

- 1.1 Izicwangciso onazo ngobomi bakho kwiminyaka elishumi ezayo. Bhala isincoko uthethe ngezi zicwangciso nendlela oza kuziphumeza ngayo.

Isincoko esichazayo/esiqiqisayo/esibalisayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makaqale achaze ukuba wenzani ngoku.
- Makabeke elubala indawo azibona ekuyo emva kweminyaka elishumi.
- Makaveze izicwangciso anazo eziza kumnceda aphumeze iphupha lakhe.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

**[50]**

- 1.2 UMzantsi Afrika ubusingethe umnyhadala webhola ekhatywayo yezizwe zase-Afrika. Lo mnyhadala ube negalelo kwezoqoqosho nasekumanyeni izizwe zase-Afrika. Bhala isincoko ungqine okanye uphikise olu luvo.

Isincoko esichazayo/esixoxayo/esicamngcayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Anganika amagqabantshintshi ngalo mnyhadala.
- Angaveza iingxaki ezigubungele eli lizwekazi le-Afrika.
- Angathelekisa ezoqoqosho kweli loMzantsi Afrika phambi kwale ndebe nangexesha layo.
- Angavelela iindlela ezinokumanya eli lizwekazi kusetyenziswa le tumente

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

**[50]**

- 1.3 Ndinebhongo negugu ngenkqubo yesikolo sam. Bhala isincoko uchankcathe kwizinto ezikwenza ukuba ube nelunda ngesikolo sakho.

Isincoko esibalisayo/esixoxayo/esichazayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makabeke elubala inkqubo yesikolo sakhe.
- Angaveza izinto azithandayo ngale nkqubo nesikolo sakhe.
- Angachaza nangabantu esikolweni sakhe abamenza azingce ngesikolo sakhe.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

**[50]**

- 1.4 Ukuzisizela ngenxa yemeko yekhaya lakho kungangumqobo kwimpumelelo yakho. Bhala isincoko ngalo mba.

Isincoko esichazayo/esicamngcayo/esixoxayo/esibalisayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Angabalisa ibali lomntu othe ngenxa yokuzijongela phantsi waphulukana namathuba ebenokumsa kwimpumelelo.
- Angayala anike ithemba kubafundi abakwiimeko ezingaginyisi mathe ukuba bangaziyekeli ebomini ngenxa yentsokolo.
- Angenza nomzekelo womntu obesokola ebomini akazisizela, waphumelela.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

[50]

- 1.5 Indlela ozijonga ngayo izinto ebomini ingumkhombandlela womgama oza kuwuhamba ebomini. Bhala isincoko uveze olwakho uluvo.

Isincoko esixoxayo/esichazayo/esibalisayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Umntu osoloko ezijonga ngeliso lempumelelo izinto uyaphumelela.
- Angachaphazela iimeko zomntu osoloko ebona okungalunganga kodwa ebomini, etsala nzima
- Angaveza imigudu neenzame ezenziwa ngumntu ofuna impumelelo ebomini.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

[50]

- 1.6 Bhala isincoko esiphuhlisa le ntetho ithi “Inyathi ibuzwa kwabaphambili”

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esicamngcayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Anike intsingiselo yeqhalo.
- Aphuhlise okuqulethwe liqhalo.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

[50]

- 1.7 1.7.1 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/sigxeka sincoma/esiqiqisayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Ubuchwepheshe bale mihla.
- Ukubaluleka kokwabelana ngolwazi..
- limeko ezisemgangathweni abafundi abafunda phantsi kwazo.
- Ukubaluleka kokufunda ngamaqela.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

**OKANYE**

1.7.2 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/sigxeka sincoma/ esiqiqisayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma:

- Ukubaluleka kokufuna ulwazi oluthe vetshe xa usenza uphando.
- Ukubaluleka kwezempilo.
- Ukufundisa ulutsha ngendlela yokuziphatha.
- Ukubaluleka kokuxhobisa ulutsha.
- Umsebenzi wamagosa eSebe leZempilo.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI****UMBUZO 2**

Khetha imihlathi ibe miBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100 ukuya kwali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathi ngamnye.

**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Umlingwa makaqaphele ezi zinto zilandelayo:

- Idilesi nomhla wokubhalwa kweleta.
- Isibuliso esibonisa ubuhlobo.
- Umcimbi engawo.
- Umxholo.
- Asebenzise ulwimi olusesikweni.
- Makabhale ngolwimi oluvakalayo, olusulungekileyo nolutsala umdla.
- Makacwangcise ngokukuko.
- Isiphelo esichanekileyo.

**[25]****2.2 INTETHO**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Mayivulwe ze ivalwe ngeempawu zocaphulo.
- Sazi isimbo sokuthetha oza kusisebenzisa, ixesha, indawo, isizathu, abaphulaphuli noko uza kuthetha ngako.
- Qala intetho yakho ngendlela etsala umdla.
- Waphuhlise amanqaku akho kakuhle ungasatsho ngengetho ekruqulayo.
- Mayibe kwixesha langoku.
- Sebenzisa izivakalisi ezifutshane ezikhatshwa ziingcingane ezilula, usebenzise imizekelo eqhelekileyo.
- Lungelelanisa izigxeko zakho nezincomo onazo.
- Isiphelo sibalulekile kwaye ukhumbule ukuba ayisosishwankathelo sokubhaliweyo.

**[25]****2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa kwenqaku eliya kumhleli wephephandaba.
- Umhla elibhalwe ngawo.
- Uchaze ngokufutshane umba obhala ngawo kodwa ucace gca.
- Uqithise umyalezo wakho uvakale kulowo umbhalelayo.
- Izimvo ngobungozi bokuhamba ebusuku.
- Ubungozi bokungamameli abantu abadala.
- Ushwankathele ngokucacileyo ungasatsho into eyinyaniso.
- Unike isihloko esicacileyo nesivakalayo uze wongeze nesihlokwana esicacileyo.
- Uqale ngokona kubaluleke kakhulu: umzekelo, ngubani, yintoni, nini, phi, kutheni kangakanani.
- Isiphelo esichanekileyo.

**[25]**

## 2.4 IMEMORANDUM

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Imo.
- Iya kubani, ivela kubani.
- Umhla.
- Isihloko somcimbi.
- Umcimbi.

[25]

## 2.5 I-OBHITSHUWARI

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Igama, nefani yomfi.
- Umhla wokuzalwa, indawo awazalelwa kuyo.
- Umnombo wakhe ngokufutshane.
- Izinto ezibalulekileyo ezimalunga nobomi bakhe ezifana nemfundo.
- Igalelo lakhe entlalweni nezinto ebenomdla kuzo esaphila.
- Unobangela wokusweleka kwakhe.
- Usuku lokusweleka kwakhe.
- Abantu abashiya ngasemva, umz. inkosikazi/umyeni, abantwana, njalo-njalo.
- Amazwi okumkhapha, mhlawumbi nezibongo zesiduko sakhe.
- Sebenzisa ulwimi oluhloniphayo nolundilisekileyo, umz. 'usishiye' endaweni yokuthi 'usweleke'.
- Isiphelo esichanekileyo.

## 2.6 IRIVYU

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Anike iingongoma eziphambili nezichanekileyo umzekelo;  
Igama lencwadi  
Umbhali wayo  
Isihloko sencwadi  
Igama lompapashi  
Ixabiso lencwadi
- Aveze iimbono zakhe buqu.
- Adandalazise indlela ayibona ngayo incwadi leyo.
- Aveze icala alithabathayo kwizimvo zakho.

[25]

**2.7 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Imo
- Umhla
- Isihloko somcimbi
- Makaxele okuza kuxoxwa entlanganisweni.
- Makacwangcise imiba ekuza kuxoxwa ngayo ngokubaluleka kwayo.
- Makubhalwe okwenzeke entlanganisweni.
- Makubhalwe igama lequmrhu, umhla, indawo nexesha lentlanganiso.
- Makwenziwe irejista yabakhoyo.
- Makucatshulwe ze kubhalwe izindululo ezithathiweyo ngobunjalo bazo.
- Makunikwe isishwankathelo sezindululo ezenziweyo nekugqitywe kuko.
- Makusetyenziswe ixesha elidlulileyo.

[25]

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**





	4–5	3½	3	2½	2	1½	0–1
<b>ISAKHIWO/ IMO</b>  <b>(5 AMANQAKU)</b>	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathele-ye.  Ubude buyangqinela neemfuno zesihloko.	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene.  Ubude bufanelekile.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.  Ubude bufanelekile.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa isincoko sona sinembadla.  Ubude bubufaneleka.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso, kodwa iingcamango ziyalandeleka.  Umthamo mfutshane kakhulu okanye mde kakhulu.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.  Umthamo mfutshane okanye mde kakhulu.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.  Umthamo mfutshane okanye mde ngokubaxekileyo.

Izincoko ziya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:

ISIQULATHO	AMANQAKU
<b>A UMONGO NOYILO</b>	<b>30</b>
<b>B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA</b>	<b>15</b>
<b>C ISAKHIWO/IMO</b>	<b>5</b>
<b>AMANQAKU EWONKE</b>	<b>50</b>

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Iziqulathiso	<b>Khowudi 7 Balaseleyo 80% – 100% 13½ – 15</b>	<b>Khowudi 6 Mfaneleko 70% – 79% 11 – 13</b>	<b>Khowudi 5 Enomthamo 60% – 69% 9 – 10½</b>	<b>Khowudi 4 Anele 50% – 59% 7 – 8½</b>	<b>Khowudi3 Phakathi 40% – 49% 5 – 6½</b>	<b>Khowudi 2 Buthathaka 30% – 39% 3½ – 4½</b>	<b>Khowudi 1 Bubhetyebhetye 0% – 29% 0 – 3</b>
<b>UYILO UMONGO NESAKHIWO/ IMO  (15 AMANQAKU)</b>	Ubungqina bokuceba uyilo luvlise itekisi engenazimpazamo.  Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.  Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamatheleneyo.	Ubungqina bokuceba uyilo luvlise itekisi engenazimpazamo kwaye bukwavelisa itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo.  Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango zihlakaniphile, zinomdla.  Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukeneyo.	Ubungqina bokuceba uyilo luvlise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekisiyo.  Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle	Ubungqina bokuceba uyilo luvlise itekisi eyanelisayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.  Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile kodwa umhlathana wona unembadla.	Ubungqina bokuceba uyilo luvlise itekisi ephakathi kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo. Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.  Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela. Itekisi ayibekelwanga kakuhle. Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphinda-phindwa.  Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Uyilo okanye ucebo alukho, itekisi ibekelwe ngokutenxileyo. Imihlathi ayikho mxholweni. Akukho lunamathelwano. lingcamango uphindaphindo nokunwenwela kude kwisihloko.  Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyubhutyu azingqinelani.
<b>ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA  (10 AMANQAKU)</b>	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo.  Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.  Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.  Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.  Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo-magama luphakathi.  Itekisi ineziphoso ezininzi noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo-magama luyahexa.  Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu.  Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo kunye nohlelo.